



Inombolo yefayili: 22/2/6/1
Isalathiso: 20241028-7804

INGcaciso eMfutshane yeKharityhulam ye-FET: 0007/2024

Iya: KumaSekela balawuli-jikelele, kubalawuli abaziiNtloko, kubalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zokunika inkxaso kwikharityhulam, kubaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zolawulo nokuphathwa kwamaZiko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zeZikolo zeZakhono nezezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo ezizimeleyo

Isihloko: Ukwandiswa kwethuba lezifundo ezilingwayo ezigxila kumakhondo omsebenzi owuqeqeshelweyo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwizikolo ezizimeleyo ezivunyiweyo

1. IBhunga laBaphathiswa beMfundo (*Council of Education Ministers*) lakuvuma ngokusesikweni ukulingwa kwekharityhulam egxila kumakhondo omsebenzi kwiZikolo zeZakhono, okuphele ngo-2020. Ukuphunyezwa ngokupheleleyo kwale kharityhulam kuqaliswe ngo-2021.
2. Injongo yale ngcaciso imfutshane kukwazisa izikolo ngokwandiswa kwethuba lenkqubo yezifundo ezilingwayo ngokwemiqathango njengokuba yaziswe ngeSetyhula S13 yeSebe leMfundo esiSiseko ka-2023 yomhla we-10 Meyi 2023, neSetyhula S2 ka-2024 yomhla we-26 Januwari 2024.
3. Ukwandiswa kwethuba lenkqubo kuyimfuneko ukwenzela ukuba kuqunjelwe iinkqubo zomgaqo-nkqubo.
4. ISetyhula S10 ka-2020 yeSebe leMfundo esiSiseko, yomhla we-19 Novemba 2020, yanika iingcebiso ngokuphathelele ekuphunyezweni ngokupheleleyo kwekharityhulam egxila kumakhondo omsebenzi owuqeqeshelweyo kwiZikolo zeZakhono nokulingwa kwale kharityhulam igxininisa kumakhondo omsebenzi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.
5. ISetyhula S13 ka-2023, yazisa izikolo malunga nokwandiswa kwethuba lenkqubo yezifundo ezilingwayo nokwandiswa kweenkqubo ezibonelelwayo ukwenzela ikharityhulam.
6. Izikolo ezifundisa ikharityhulam elingwayo ngoku zimele ziqhubeke ukufundisa isifundo (izifundo) esivunyiweyo kwiBakala 8 nakwele-9 ngo-2025.

7. ISebe leMfundo leNtshona Koloni liya kuzazisa izikolo xa umgaqo-nkqubo uqukunjelwe naxa uqinisekisiwe umhla wokuba uphunyezwe ngokupheleleyo liSebe i-DBE. Makuqatshelwe ukuba iiprothokholi zokufundisa izifundo ezitsha ziya kulungelelaniswa neSetyhula 0036/2021, yomhla we-18 Juni 2021.
8. Kucelwa iinqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo ezizimeleyo ukuba zazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke ootitshala nakubasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BJ LORISTON

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO

UMHLA: 2024-11-14